

Vuk'uzenzele

Produced by: Government Communication & Information System (GCIS)

English/isiXhosa

EyeThupa 2019 Ushicilelo 2



GBVF's lifelong effects on children

Page 5




Banyana Banyana inspires future soccer stars

Page 16

JOBS INSIDE:

Dr Nndanganeni explores the galaxy



■ Dr Rendani Nndanganeni loves researching the impact of radiation on aviation.

More Matshediso

Nearly 10 years of tertiary study and a passion for physical science earned Dr Rendani Nndanganeni (33) her dream job as a space science researcher at the South African National Space Agency (SANSA).

SANSA is a government agency that reports to the Department of Science and Technology, and is part of the worldwide network of space weather centres and magnetic observatories. It plays an important part in monitoring the near-Earth space environment.

In simple terms, the agency works mainly with satellites.

After completing matric in rural Limpopo, Dr Nndanganeni's decade of tertiary

• Cont. on Page 2



ALSO AVAILABLE ON:



@VukuzenzeleNews



Vuk'uzenzele

National Orders nomination information inside.



FREE COPY NOT FOR SALE

Iziphumo ze-GBVF zishiya isilonda esingapholiyo ebantwaneni

I-GBVF INGANEZIPHUMO ezibi kakhulu kwimpilo yomntwana ngokwasemzimbeni nakwindlela akhula ngayo.



Allison Cooper

Abantwana abakhula kumakhaya anobu-ndlobongela obugxile kwezesini nokubulawa kwabasetyhini (i-GBVF) basoloko beziva bengenathe-mba.

NgokukaGq Dudu Ngubeni, ongugqirha oyincali ngemiba yokuhula kwabantwana kwiSebe lezeMpilo laseGau-teng, nothe wangqina uku-ba zonke iintlobo neendidi ze-GBVF zikukunyhashwa kwamalungelo wabantwana.

I-GBVF ibhekisele kubundlobongela obujoliswe kubantu okanye kumaqela, obenziwa kuba ixhoba elo lingumntu wesini esithile. "I-GBVF ngumkhuba ombi kakhulu oyin-gxaki kwihiabathi jikelele kwaye iya ithatha unyawo eMzantsi Afrika," utshilo uGq Ngubeni.

"Khawufane ucinge umonakalo owenziwa kukudlwengula nokubethwa ebantwaneni. Ukongeza kwizivubeko ezishiyeka emzimbeni womntwana kunye nongcungcutheko olunzulu emphefumlweni nasengqondweni olunokuhokelela ekuzibulalen, kukwakho neengxaki ixhoba elo elijamelana nazokuhlaleni ezifana nokucekisa, ukubekwa ibala noku-bkulwa," wongeze watsho.

Izivubeko ezinzulu ze-GBVF

Umonakalo owenziwa yi-GBVF kubantwana iyohluka ngenxa yezizathu nezinto ezahlukeneyo, ezifana nohlo-bo, izihlandlo eyenzeka ngazo-kunye nobuzaza bokuxhatsha-zwa. Ezinye izinto ezibangela na-

udandatheko emphefumlweni ezifana nomzali onoku-phazamiseka engqondweni okanye ingxaki yokusebenzia gwenxa iziyobisi zingazenza zibe zibi kakhulu iziphumo ze-GBVF.

I-GBVF isenokwensiwa ngokuthetha, ngokwase-mzimbeni, ngesondo okanye ngokwaseng qondweni. "Abantwana bakumngcipheko omkhulu wokuba neengxaki ngokwasemphefumlweni okanye ngokwasengqondweni, akukhathaliseki nokuba ngabo na buqu abaxhatshazwayo okanye ngumntu osondelelene nabo," utshilo uGq Ngubeni.

"Yinyaniso eyaziwayo jikelele into yokuba amadoda, kumaxa amanizi ngawo anamagunya futhi nalawula abasetyhini nabantwana, kwaye kwizihlandlo ezininzi oku akwenza ngokusebenzia ubundlobongela nobungqwabalala. I-GBVF ivimba abantwana ithuba lokuba bakhule kakuhle nezakhono zabo zipphuhle ngokupheleleyo. Bangakhula bengabantwana abayithatha njengento esisiqhe-lo impathombi nentsokolo kwaye basenokufunda ukuba ukusebenzia ubundlobongela yeyona ndlela ifanelekileyo yokufumana into oyifunayo," wongeze watsho.

Abantwana abakhula phantsi kwe-GBVF basenokuba nobu-phaku-phaku okanye ixhala; ukudakumba kwengqondo; ukuphelelwu ngumbla kwizinto zesikolo, kubahlobo okanye kwezinye izinto ebebekade bezithanda ngaphambili; ingxaki yokungalali kakuhle, kuquka amaphupha amabi okanye ukuzichamela xa belele; ukusoloko benomsindo; iphuku okanye ukungabi na-

mdla wokutya.

Abantwana abadala bona baziphatha ngokwahlukileyo. Amakhwenkwe anokuyi-bonakalisa ngokuphandle indlela eva ngayo, ngokuthi athande ukuba nomsindo okhawulezayo; asebenzise ubundlobongela ukusombu-lula iingxaki; okanye asele utsywala okanye asebenzise iziyobisi, ngeenjongo zokuci-ma iintsizi.

Amantombazana athanda ukuyigcina ngaphakathi kuwo intlungu yavo. Asenokuzibamba, axhalabe okanye adakumbe emphefumlweni; angatyi kakuhle okanye azenzakalise ngokuzisika okanye ukusebenzia utsywala okanye iziyobisi.

"I-GBVF ivimba abantwana ithuba lokuba bakhule kakuhle nezakhono zabo zipphuhle ngokupheleleyo."

Amaxesha amanizi, umonakalo owenziwa yi-GBVF kubantwana uhlala ixesha elide sele sagqithayo nesenzo eso semphatho-mbi. Njengabantu abadala, aba bantwana nabo basenokuba namaqabane abaxhaphazayo nanobundlobongela. "Iziphumo zophando-nzulu zibonisa ukuba abantwana abakhula phantsi kweemeko ezine-GBVF basenokuhula bekholelwu kumbono ongenda wo-kuba ngokwendalo abantu ekuhlaleni nakwindlela abaphilisana ngayo abazompondo zabhokwe, oko

kukuthi, abalingani. Ngokwenza oko baza kuhulelwabaze baphembelele imikhuba ehambisana ne-GBVF," ucacise watsho uGq Ngubeni.

Abantwana isenokuba ngabo abaphembelela i-GBVF

USilizwe Mbambo, ongunontlalontle kwicandelo lokhuse-leko Iwabantwana kwiziko i-Saartjie Baartman Centre for Women and Children (i-SBCWC) uyangqina. "Ekukhuleni kwakhe umntwana usenokuba nguye ophembelela i-GBVF okanye asebenzise iziyobisi gwenxa," utshilo.

I-SBCWC isebeanza ngamatyala amatsha anxulumene ne-GBVF yonke imihla. "Uninzi lwabantwana bangamaxhoba e-GBVF bona buqu okanye bazi umntu osisihlobo sabo olixhoba layo, into leyo ebabeka emngciphekweli ombi kakhulu. Eli ziko likwaqaphele ukwanda kwenani labantu abadinga uncedo Iwalo kwaye i-GBVF isoloko iyiyo unobangela," utshilo uMbambo.

Kwenye imeko, umntwana wayehleli nje efuna ukuzibulala ngenxa yokuba engafumani nkxaso, uthando nesihoyo somzali. "Abazali bebesoloko besilwa ngezigalo nangeentonga zomlomo, phambi kwakhe. Kangangokuba, lo mntwana waye waphelelwu ngumbla kwizinto nomsebenzi wesikolo waphelelwu nalithembwa ngamaphupha wakhe," utshilo uMbambo.

Abantwana banento yoku-funda izinto ezenziwa ngabanye abantu. Amakhwenkwe afunda kooyise ukuphatha abantu basetyhini ndlongo-dlengo. Amantombazana

afunda koonina ukuba ubu-ndlongondlongo yinto eqhele-kileyo kwaye iyinto ekufanele bayinyamezele baphile nayo. Kodwa noko kunjalo, asingabo bonke abantwana abalandela ekhondweni labazali babo. Abanye bazama kangangoko ukungenzi iimpazamo ezifanayo nezi zazenziwe ngabazali babo.

Abantwana kunye nabantwana abasaqala ukufikisa abakhula phantsi kweemeko ezine-GBVF kufanele bahlo-lwe yingcali enolwazi ngezifo zokuphazamiseka engqondweni, nezakuthi ice-bise ngonyango olufanele-kileyo xa umntwana lowo eneengxaki zokudandatheka komphefumlo nezokuzipha-tha ngendlela enxahileyo. Unyangolusenokuquka iingce-biso zokululeka nokulungisa ingqondo, kodwa kwezinye iimeko, amayeza asenokuba luncedo. Abazali okanye abalondolozi abangengabo abenza impatho-mbi nabo bangaludinga uncedo. ▶

Ngolwazi oluthe vetshe okanye ngeendawo abanokuncedwa kuzo abantwana abangamaxhoba e-GBVF, tsalela umnxeba woncedo ongahlawulelwayo we-GBVF Command Centre kwa: 0800 428 428 okanye ucele unontlalo-ntle ngokucofa u: *120*7867# kwiselula yakho ukuba aqagamshelane nawe. Ungaqhagamshelana ne-Stop Gender Violence Helpline kwa: 0800 150 150 okanye i-SBCWC kwa: 021 633 5287.